**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko
   ICANDELO B: Imihlathi emide
   ICANDELO C: Imihlathi emifutshane

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ngamandla ukuba usebenzise malunga nama:
   - 80 emizuzu kwiCANDELO A.
   - 40 emizuzu kwiCANDELO B.
   - 30 emizuzu kwiCANDELO C.

ÉcoleBooks

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

11. UBUDE BEEMPENDULO:

    ICANDELO A: Izincoko-Bhala isincoko esili-190-240 amagama.

    ICANDELO B: Imihlathi emide-Bhala ama-80-100 amagama. [umxholo kuphela]

    ICANDELO C: Imihlathi emifutshane-Bhala ama-60-80 amagama. [umxholo kuphela]



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

1.1 Endakufunda loo mini kwabutshintsha ubomi bam **[50]**

1.2 Ubuhle buqala ngaphakathi **[50]**

1.3 Elona qonga lonxibelelwano endilithandayo **[50]**

1.4 Kulungile okanye akulunganga ukugcina izilwanyana kwiindawo ezinjengeZu? **[50]**

1.5 Uqoqosho lwelizwe luxhomekeke kumntu wonke **[50]**

1.6 Xa ndinokuphinda ndinikwe ithuba loku ... **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthathwe kuwww.funny.animalpictures.blogspot.ca] **[50]**

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kwibhanki iABSA wenze isicelo somsebenzi wethutyana ngexesha leeholide zikaDisemba. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yelungu lekwayara yenu ekuhlaleni. **[30]**

2.3 **IAJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso yekomiti yolutsha olulumkisa ngobungozi beziyobisi. **[30]**

2.4 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza ngomhla wokwazisa nokuloba abafundi bebanga lesi-8 ukuba bazokufunda kwisikolo sakho kunyaka ozayo. **[30]**

ÉcoleBooks

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

### UMBUZO 3

**3.1 IPOWUSTA**


Bhala ipowusta eyazisa ngomboniso wefashoni oza kubanjelwa kwidolophu yakho oququzelelwa ngabayili befashoni abaphambili. **[20]**

**3.2 UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezintlanu ubuzichithe nomhlobo wakho obumtyelele ekhayeni lakhe. **[20]**

**3.3 IZALATHISI**

Umtshana wakho useCape Town campus ufuna ukuya eBellville campus. Mncede umbhalele indlela amakahambe ngayo ukuze aye kufika.




[Ithathwe ku-www.google.co.za] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM